Imvume yokunyanga notyando lwezinye izigulo ezingadibanganaga nokugula kwengqondo	37
Ukusetenyenziwa kwendlela zokushukumisa komzimba ngomashini	38
Ukuhlaliswa yedwa	39
Isahluko 6: Iindawo ezinoqilimo lokhuseleko	40-43

Isahluko 7: Ugcino zincwadi	43-45
Isahluko 8: Ukujongwa nokunyangwa Ukujongwa nokunyangwa kwabongiwa impilo yengqondo abathunyelwe kwiziko lempilo yinkundla yoMthetho	46
Isahluko 9: Amagunya namaphepha mvume ezibhedlela zabucala ezinikezela ngenkonzo zonyango lwezigulo lwenqondo	47
Ukunikwa kwamaphepha-mvume kwendawo zonyango zabahlali	48
Abantu abaqeleshelwe ukonga impilo yengqondo	49
Isahluko 10: Inkqubo zokufunda Ukusekwa nokusetyenziswa kwenqubo zokufundisa abanyanga impilo yengqondo abagcinwe kumaziko ezempilo	50
Isahluko 11: Ukukhathalewa nokulawulwa kwezinto abantu Abanengqondo ebuthathaka kakhulu. Isocelo esiya kumongameli wenkundla ephakamileyo sokunyula umlawuli.	51
Ukuxhaswa kokonyulwa komlawuli yiNkundla ePhakamileyo ngethuba lokuphanda okanye ngexesha lenqubo zeenkundla zoMthetho	52
Ukuqinisekiswa kokonyulwa komlawuli	53
Ukurhoxa komlawuli	54
Isahluko 12: Isibonelelo ngokubanzi Ukubhatalwa kwendleko zokugcinwa kakuhle kwendawo zonyango Intelekelelo yamaxabiso omhlaba nemali-ngeniso yonyaka	55
Ukutshintshwa kwemimiselo	56
	57

Isifakelelo 1-48

### Inckazelo yamagama

- (1) kule mimiselo naliphi na igama okanye umhlathi othe wanikezelwa intsingiselo efanayo, okanye-  
**“iziko lempilo elilawulwa phantsi kwempembelelo zikaRhulumente”**  
lithetha-
  - (a) iziko lempilo loluntu
  - (b) iziko lempilo eliqeshiswe okanye elibhatalewa nguRhulumente ukuba linikezele ngonyango lokongiwa impilo yengqondo endaweni kaRhulumente;

**“indawo eliqilimo lokhuseleko”** kuthetha iwadi okanye icandelo kwisibhedlela sabantu abagula ngengqondo esimiselwe yintloko yesosibhedlela ukuba senza lo misebenzi;

**“Ukugadwa kokushukuma komzimba ngomashini”** kuthethwa ukusetyenziswa kwemashini okanye izixhobo zokusebenza apho umzimba okanye amalungu omzimba

omntu owongiwa impilo athi anqandwe ukuba angashukuma okanye angaphazanyiswa;

**“ukunqandwa kokushukuma komzimba ngokusabenzisa amandla”** kuthetha ukunqanda ukushukumisa umzimba okwethutyana, ngokusebenzisa amandla ngumtu omnye okanye abaninzi ukulungiselela ukuba umntu lowo onqandwayo angazenzakalils okanye enzakalise abanye abantu;

**“indawo ezinikezela ngonyango”** kuthetha iziko lonyango elinikezela ngonyango olungundoqo

**“isibhedlele sabucala”** kuthethwa isibedlele esingekho phantsi kukaRhulumente okanye asingahlawulelw nguRhulmente

**“ukubekwa bucala”** kuthetha ukuhlaliswa komyangwa kwindawo apho ukuhamahamba kwake kuthintelwayo

**“uMthetho”** kuthetha uMthetho woKwangiwa kweMpilo yeNgqondo 2002(uMthetho Na.17 ka 2002).

#### **ISAHLUKO 1: ISITHETHE NOMGANGATHO WOKUNIKEZELA NGENKONZO EPHAKAMILEYO**

##### **Ukulungelelana nokusebenzisa iinkonzo zokongiwa kwempilo yenqondo**

- 2 (1) Umntu ofuna okanye okucingwa ukuba ufunu ukongiwa impilo yengqondo makathi ngokwesiqhelo azizise kwiziko lempilo elinikezela ngonyango olungundoqo.
- (2) Umongiwa ogula ngengqondo makavavanywe kujongwe ukuba ngaba ufunu iinkonzo zokongiwa ukunyangwa okanye ukubuyiselwa kwisimo esisiso aze athi-
  - (a) anyangwe yaye akhathalelw kulondawo enikezela ngonyango olungundoqo athunyelwe;
  - (b) athunyelwe kumntu oqeleshelwe ukunyanga impilo yengqondo kubahlali ukuze avavanywe kuthi ukuba unyango luyafuneka anyangelwe kubahlali; okanye
  - (c) athunyelwe esibhedlele avavanywe nje okanye avavanywe alaliswe.
- (3) Umnyangwa owongiwa impilo yengqondo ofuna unyango olukunqanaba lwesithathu okanye unyango lweencutshe zonyango lwengqondo makathunyelwe kwiziko lempilo olunikezela ngonyango olo lufunekayo.
- (4) Umnyangwa owongiwa impilo yengqondo othunyelwe kwinqanaba lwesibini okanye lwesithathu, othi emva kokuba ekhutshiwe kunyango

afune ukulandelelwa ngonyango olungundoqo oluphezulu makathunyelwe kwelonqanaba aze ongiwe anyangwe abuyiselwe.

### **Izigqibo zentloko yeziko lempilo**

3. (1) Xa intloko yeziko lempilo isenza izigqibo phantsi kwale mimiselo ethi ibengaphandle komsebenzi aqeqeshelwe wona makavumelane nabanye abantu abaqeleshelwe impilo yengqondo abafanelekileyo.
  
- (2) Imisebenzi emayenziwe yintloko yeziko lonyango ngokoMthetho okanye lemimiselo mayithi, ukuba intloko leyo ayikho, yensiwe ngumntu obambele intloko kweloziko lonyango

### **Ukutyelelwa emakhaya**

4. Abantu abonga abantu abagula ngengqondo bangatyelela amakhaya nemisebenzi yabantu abo bagula ngengqondo okanye ababuthathaka ngokwasengqondweni kwezondawo zisemagolokonxeni basebenzela kuzo, ukuba ngaba oloncedo luyafuneka banyangwe babuyiselwe esimeni sabantu abagula ngengqondo.

### **Ukongiwa ngabahlali**

5. (1) Inkqubo nendawo abahlali abanokuthi bonge, banyange baze bancede ukubuyisela kwisimo esisiso somntu onengxaki yokugula ngengqondo mazenziwe zibekho aphi kunokwenzeka.
  
- (2) iinkqubo zabahlali nendawo zingaphathwa-
  - (a) ngamanqanaba kaRhulumente;
  - (b) ngamaziko empilo aphantsi kuka Rhulumente;
  - (c) ngamaqumru angenzi nzuzo;
  - (d) yimibutho yabantu abasebenza bengajonganga ntlawulo nabasabenzisa iinkonzo;
  - (e) ngamaqumru enza inzuzo
  - (f) ngabantu ababhaliswe kwinkonzo zempilo okanye nezentlalo ntle ngokoMthetho weKhansile okanye amaqumrhu anikezelwa ngoqelesh, okanye
  - (g) amaziko abhalisiwego oqelesh
  
- (3) Iinkonzo ezenziwe ngamaqumrhu axelwe kummiselwana (2) angathi ngokomsebenzi abawuqelesheweyo baquke ukonga ngamayeza, indawo yokuhlala yabahlali, iindawo zokucebisana, imibutho yokuncedisana nokunyanga isifo zengqondo ngapjandle kwamayeza, ubuchule ngenkqubo zokubuyiselwa kwisimo esisiso kokwasemfundweni, inqubo zokubuyiselwa kwisimo esisiso kokwasemzimbeni okanye ezinye inkonzo ezinokuncheda empilweni yomntu ogula ngengqondo.

**Ukuncediswa ngokwasezimalini nokutshintshelwa kumaqumrhu onyango angengo maqumrhu ka Rhulumente namaqumrhu anikezela ngeenkonzo engajonganga kuhlawulwa**

- 6 URhulumente makanikezele ngoncedo lwemali kumaqumru angengomaqumru kaRhulumente okanye kumaqumrhu anikezela ngeenkonzo ngokuthanda linga jonganga ntawulo ukuze akwazi ukunikezela ngeenkonzo zokonga kubahlali, unyango nokubuyisela kwisimo esisiso abantu abagula ngengqondo ukuze kukwazi ukufezekiswa iimfuno zoMthetho.

**Lingxelo malunga nokuxhatshazwa nokuphathwa kakubi**

7. (1) Nawuphi na umntu othe wabona naluphiluna uhlobo lokuphathwa kakubi komyangwa owongiwa impilo yengqondo oxelwe kwisi qendu 11(1) soMthetho-
- (a) makaxele kwibhodi yokuhlola enxulumene nokongokwe fomu MHCA01 ye cadelo;okanye
  - (b) angamangala kuMalungu eNkonzo zaMapolisa oMzantsi Afrika.
- (2) Xa ibhodi yophengululo ifumana ingxelo okanye isaziso esimiselwe kummiselwana (1) loo bhodi kufuneka iphande ngaloo ngxelo oknaye eso saziso kwaye ukuba kukho imfuneko, imangale kwiNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika

**ISAHLUKO 2: ISICELO SOKONGIWA KWEMPILO YENGQONDO NOKULOLONGWA**

**Ukungeniswa esibhedlele ngokunxgamisekileyo okanye ukongiwa ngaphandle kwemvume**

- 8 Nawuphi na umntu okanye iziko leMpilo elonga, linyange lize libuyisele kwisimo esisiso umnyangwa owongiwa impilo yengqondo okanye limgenise esibhedlela lomnyangwa kwiimeko ezixelwe kwisiqendu 9(1)(c) soMthetho, makanike ongxelo ebhaliweyo yalonto wkifomu MHCA02 kwisifakelo lweBhodi yokuHlola enxulumene nokho.

**Isicelo sokongiwa kwepilo ngokuncediswa**

- 9 (1) Isicelo sokongiwa kwempilo yengqondo ngokuncediswa masenziwe ngumtu oxelwe kwisiqendu 27(1) soMthetho mayenziwe kwifomu MCHA02 wesifakelo.
- (2) Apho umenzi sicelo angakwazi ngenxa yaso nasiphi na isizathu ukuze agwalise isicelo esibhaliweyo, makancediswe lelinye ilungu labaqeshwa beloziko lempilo elixeliweyo.

- (3) Isicelo esixelwe kummiselwana (1) masibe khona kwelo lempilo apho kukho abantu ababini abaqeleshelwe ukunyanga izigulo zenqondo abakwazi ukuxilonga loomguli ngokumalunga nesiqendu 27(4) soMthetho.
- (4) Isicelo esixelwe kummiselwana (1) masithi, apho sithe sagcwaliswa singeniswe kwintloko yeziko yempilo.
- (5) Ekugqityweni koxilongo oluxelwe kummiselwana (3), abantu abaqeleshelwe ukunyanga impilo yengqondo mabafake iziphumo soxilongo lwabo ezikwifom MCHA04 kwisifakelo, kwintloko yeziko lempilo elo.
- (6) Iziko lempilo elingakwazi ukwenza uxielongo oluxelwe kwisiqedu 24 soMthetho malithumele umenzi sicelo kwelimnye iziko lempilo elikufutshane elenza eloxilongo.
- (7) Intloko yeziko lempilo elo mayinike isaziso ngokwe siqendu 27(9) soMthetho kumenzi sicelo sikwifomu MCHA05 secandelo esithi sichaze isigqivo sakhe malunga nesicelo sokongiwa ngokuncediswa, ukunyangwa nokubuyiselwa kisimo esisiso nezizathu zesonigqibo.
- (8) Intloko yeziko lonyango elo mayithi kokwesiqendu 28(1) soMthetho, zingaphelanga intsuku ezesixhenxe zesonigqibo sakhe esixelwe kummisel (7) athumele okopi yesicelo sokongiwa okuncediswayo, Sonyango nokubuyiselwa kwisimo esisiso, iye kwiBhodi yokuhlolahambe nekopi lweziphumo zoxilongo lwabantu ababini abaqeleshelwe ukunyanga izigulo zengqondo abaxelwe kummiselwana (5) kunye nekopi yesaziso sommiselwana (7).
- (9) IBhodi yoHlolo leyo mayithi emva kokufumana iincwadi ezixelwe kummiselwana (8) yaye emva kokugqiba ukwenza uphando ngokwesiqendu 28(2) soMthetho, yaye zingaphelanga iintsuku ezingama-30, enze ingxelo ngeziphumo zophando lwakhe nesigqibo sentloko yeziko lwempilo esekelwe oko, umenzi sicelo nentloko yeSebe lePhondo elinxulumene noko, kwiFomu MHCA 14 yesifakelo.

### **Isicelo Sonyango yempilo yengqondo ngonyaneliso nokuvavanywa**

10. (1) Isicelo sonyango lwempilo yengqondo ngonyaneliso ngumntu oxelwe kwisiqendu 33(1) soMthetho masenziwe kwiFomu MHCA 04 wesifakelo.
- (2) Apho umenzi sicelo angakwazi, nangasiphi na isizathu ukugcwalisa isicelo esibhaliweyo, lo menzi sicelo makancediswe lilungu labasebenzi lelo ziko lempilo.
- (3) Isicelo esixelwe kummiselwana (1) masibekho kuwo wonke amaziko empilo apho kukho okunani abantu ababini abaqeleshelwe ukunyanga izigulo zengqondo abanokukwazi ukuxilonga umguli lowo ngokwesiqendu 33(4) soMthetho.

(4) Isicelo esikwiFomu exelwe kummiselwana (1) kufuneka xa sithe sagcwaliswa sifakwe kwintloko yeziko lempilo.

(5) Ekugqityweni koxilongo oluxelwe kummiselwana (3), abo bantu baqeleshelwe ukunyanga izigulo zengqondo mabanike iziphumo zolo xilongo lwabo kwiFomu MHCA 05 zecandelo, kwintloko yeziko lwempilo elo.

(6) Iziko lempilo elingakwazi ukwenza uxilongo oluxelwe kwisiqendu 33(4) soMthetho malithumele ummenzi sicelo lowo kwiziko lempilo elikufutshane elinikezela ngolo xilongo.

(7) Intloko yeZiko lempilo elo mayinike isaziso ngokwesiqendu 33(8) soMthetho kumenzi sicelo kwiFomuMHCA 07 wesifakelo, sesiggibo sakhe malunga nesicelo sokongwa okunyanzeliswayo, unyango nokubuyiselwa kwisimo esisiso nezizathu zeso sigqibo.

**Ulolongo lweeyure ezingama 72 emva kokuba intloko yeziko lophando linikezele imvume yokongiwa okunyanzeliswayo, unyango nokubuyiselwa kwisimo esisiso**

11. (1) Uvavanyo oluxelwe kwisiqendu oluxelwe kwisiqendu 34 soMthetho malwenziwe malunga neFomuMHCA 06 lweandelo.

(2) Ugqirha owenza ulolongo oluxelwe kwisiqendu 34 soMthetho angathi aseke inkubo nendawo apho umongiwa onyangwa impilo yengqondo kufuneka egcinwe iiyure eziyi 72 zololongo ukuqinisekisa ukhuseleko lwaloo mnyangwa nabanye abantu.

(3) Ukuba ngaba iimeko kwelo ziko lempilo azilulungelanga ulolongo lweeyure eziyi 72 okanye abasebenzi kwelo ziko lempilo abakwazi ukumelana nomnyangwa lowo ngenxa yokuba umnyangwa lowo anganobungozi kuye nakwabanye abantu okanye kwimpahla ukuba uhleli kwelo ziko lonyango, elo ziko lonyango malimtshintshe umnyangwa lowo limse kwelinye iziko elinabasebenzi abakulungeleyo oko okanye elinezixhobo zokusebenza ezifanelekileyo ukuba kwensiwe olo lolongo.

(4) Ugqirha oxelwe kummiselwana (2) makenze ingxelo yokugula yethutyana yako nakuphi na ukugula ngengqondo aze aqalise unyango ngokwemigaqo yokunyanga engumkhombandlela ngokukhawuleza.

(5) Ugqirha makahlole imeko yempilo yengqondo kufutshane anike inkcazel evela kwintloko emiselwe impilo ejongene nezinga lengqondo mayelana ne yure eziyi 24 kwiyure eziyi 72 kwixesha lohlolo.

(6) Umhloli wempilo yengqondo olawule kwiyure ezingama-72 zohlolo makanikezele kwiyure eziyi12 emva kokuphela kweyure ezingama-72 zexesha lohlolo, ingxelo eyongezelelweyo kwifomu MHCA06 yesifakelelo kwintloko yeziko lempilo ngokujongene nayo ibonisa uvavanyo olo emzimbeni nase ngqondweni yomyangwa ogula ngegqondo kunye nemibono nokuqhubeka konyango kumyangwa lowo.

(7) Iintloko yeziko lempilo mayimkupe ize imtshintshele umyangwa ogula ngengqondo kunyango lokuzithandela ngeloxesha lovavanyo lweeyure ezingama-72 ukuba imo yengqondo yomnyangwa lowo iyakuvumela oko.

(8) Ukuba ngaba intloko yeziko lempilo elo emva kovavanyo lweeyure ezingama-72 linembono zokuba imo yegqondo yomnyangwa ogula ngengqondo ifuna ukuba aphinde asiwe kulongiwa olunyanzeliswayo, unyango nokubuyiselwa kwisimo esisiso ehleli ngaphandle makathi axhelele iBhodi yoHlolo kwifomu MHCA 09 wecandelo elo.

(9) Ukuba ngaba intloko yeziko elo emva kohlolo lweeyure ezingama-72 inembono yokuba imo yengqondo yomnyangwa ogula ngengqondo ifuna ukuba afumane iinkonzo zokongiwa ngokunyanzelisa, unyango nokubuyiselwa kwisimo esisiso engaphakathi, kufuneka acele iBhodi yohlolo kwifomu MHCA 09 yecandelo ukuba ivume okunye ukongiwa, ukunyagwa nokubuyiselwa kwisimo esisiso

(10) ukuba iBhodi yohlolo mayithi zingaphelanga intsuku eziyi 30 ifumene incwadi ezixelwe kwisiqendu 34(3)(c)(i) ithumele isigqibo malunga nokuphinde kongiwe ngokonyanzeliso, ukunyangwa nokubuyiselwa kwisimo esisiso engaphakathi umnyangwa lowo kwifomu MHCA 14 yesifikelo aze anike izizathu kumenzi sicelo nentloko yeziko lempilo.

#### **Ulwazi malunga namaziko empilo anikezelo ngovavanyo**

- 12 (1) Intloko yesebe lephondo mayinikezele onke amaziko empilo aphantsi kuka Rhulumente, amaziko empilo abucala ephondo, amalungu enkonzo zamapolisa o mzantsi Afrika nesebe lezeMpilo likaZwelonke elikweso sithili sephondo elinikezelu uvavanyo lwe yure iziyi 72 eluxelwe kwisiqendu 34 salomthetho.
- (2) Intloko yelosebe lephondo mayilungise ololudwe oluxelwe kummiselwana (1) unyaka nonyaka, ixela ukuba leliphi na iziko lempilo elikwesosithili lize linikezele ngoluhlu olo lulungsiweyo oluxelwe kumiswelana (1).

#### **ISAHLUKO 3: IZIBHENO**

##### **Izibheno ezichasene nesigqibo sentloko yeziko lezempiro sokuphucula isicelo sokongiwa ngokuncediswayo, unyango kunye nukubuyiselwa kwisimo esisiso**

13. (1) Umntu obhekiselwe kwisiqendu 29(1) soMthetho kwintsuku eziyi 30 zosuku lokubhalwa kwesilumkiso esikhutshwe malunga nesiqendu 27(9), isicelo kwifomu ye MHCA15 yeSihlomelo sokuchasa izigqibo zentloko yeziko lezempiro kwiBhodi yesiHlolo.
- (2) Isicelo esixeliweyo kwisiqendu 29(1) soMthetho, mhlawumbi-

- (a) esenziwe sabhekiswa kwiBhodi yoHlolo malunga nayo;
- (b) esingeniswe kwintloko yeziko lempilo aphi izicelo malunga nesiqendu 27 soMthetho esenziwe ngokukhawulezileyo kwiBhodi yeoHlolo.

**Isicelo esichasene nesigqibo seziko lempilo sokuvavanywa ngokunyanzelekileyo, ezonyango nobuyiselwa kwesimo sempilo esisiso**

14. (1) Umntu obhekiselwe kwisiqendu 35(1) somthetho angathi, kwintsuku eziyi 30 ezibhalwe kwisilumkiso ezikhutshwe malunga nesiqendu 33(8), isicelo esikwi fomu yeMHCA 15 sesokongezelo ngokuchasene nesigqibo sentloko seziko lezempilo.

(2) Isicelo esixeliweyo kwisiqendu 35(1) soMthetho-

- (a) sangabhekiswa kwiBhodi yoHlolo nkokujongene nayo;
- (b) sangangeniswa kwintloko yeziko lempilo aphi isicelo malunga nesiqendu 33 soMthetho asenze khona, othi ngokukhawulezileyo kufakwe isicelo kwiBhodi yoHlolo ngokujongene nayo.

**Ukujongwa kwezelicelo yiBhodi yoHlolo**

- 15. (1) Ukuba isicelo esichasene nesigqibo esixeliweyo kwisiqendu 27(9) kunyenesama 33(8) somthetho sokunikesela ulolong okanye ulongo olunyanzelikileyo, unyang nokubuyisela kwisimo esisiso esenziwe yoBhodi yoHlolo, unobhala othi iBhodi yoHlolo mayiqinisekise ukuba onke amaxwebu malunga nesiqendu 29 no 35 soMthetho esifumananeke sakutshwa kumalungu eBhodi yoHlolo ngokucinane kwiveki enye phambi kokuba isicelo sijongwe yiBhodi yezoHlolo.
- (2) Unobhala weBhodi yoHlolo makazise umbheni ngencwadi ebhaliweyo, umntu oxelwe kusiqendu 27(1) okanye 33(1) soMthetho onxulumene nabanyangwa abongiwa impilo yengqondo nguggira, intloko yeziko lempilo naye nawuphi na umntu iBhodi yoHlolo ecinga ukuba ubalulekile kumamelo Iwesicelo, ngosuku Iwesicelo, nokuba sibhaliwe okanye sitethiwe, loo ngxaki mayisiwe kwiBhodi yoHlolo.
- (3) IBhodi yoHlolo ngokucacileyo ingamema lomntu oxelwe kusimmiselo (2) azokuhlalela ukuxoxwa kwesicelo.
- (4) Ibhodi yoHlolo mayinike isaziso sokuhlalewa kwesicelo ngokuncinane iiveki ezimbini phambi kolo suku lokuhlalelwka kwesicelo.
- (5) Bhodi yoHlolo ingabiza naye nawuphi na umntu ngefomu yeMHCA18 yeSihlomelo avele phambi kwayo nje ngengqina elizokunikezala ngobungqina okanye ikhuphe nayiphi na incwadi, uxwebu olushicileweyo okanye nayphi na into, enezimvo ezinxulumene neBhodi yoHlolo malunga nezicelo.

- (6) Umuntu oxelwe kummiselo (5) makenzelwe imbuyiselo ngengxowa mali ebekwe lisebe lephondo ejongene naziphi na indleko loomntu angazifumana kukoyohlalela umanyelo lwesicelo.

**Umyalelo yinkundla ephakamileyo wokhathalelo lokungazimisi, unyango nokulungiswa kwesimilo**

16. Kwiintsuku ezingama-30 emva kokufunyanwa kwamaxwebhu angeniswe yiBhodi yoPhengululo ngokwemiqathango yamacandelo 34 (7) okanye 35(4), iNkundla ePhakamileyo kufuneka ngokwemiqathango yecandelo lama 36 lomThetho ngendlela ye-MHCA 16 yeSihlomele iyalele -
- (a) ukulaliswa esibhedlele okungaphaya komsebenzisi wokhathalelo lwempilo yengqondo, ukuba kukho imfuneko, yokuba imicimbi yezimali yomsebenzisi onjalo iphathwe kwaye ilawulwe ngokwemimiselo yeSahluko VIII somThetho; okanye
  - (b) ukukhutshwa ngoko nangoko komsebenzisi onjalo

**ISIQENDU 4: UKUTSHINTSHWA NOKUKUTSHWA**

**Iingxelo yokukhutshwa**

17. Intloko yeziko lezempilo ma ikupe ingxelo yokukhutshwa kwifomu yeMHCA03 yongezelelo.

**Umnyangwa owongiwa impilo yengqondo onyanzeliswayo onyangwa engaphandle**

18. (1) Ukuba immo yengqondo yomnyangwa owongiwa impilo yengqondo ifuna ukuba aphinde afumane, ukongiwa, unyango nokubuyiselwa kwisimo esisiso olunyanzeliswayo engaphandle ngokwesiqendu 34(3) okanye 34(5) soMthetho, intloko yeziko lempilo mayinikezele umgcini wakhe ngoludwe lwenkqubo nemeko ezinxulumene nokongiwa engaphandle, ukunyangwa nokubuyiselwa kwisimo esisiso somongiwa lowo, kwifomu MHCA10 yeSihlomelo.
- (2) Uludwe lwemeko ezixelwe kummiselwana (1) mazifundelwe unyangwa owongiwa impilo yengqondo kunye nomgcini wakhe okanye kufundwe kuguqlwe kwiilwimi zobuRhulumente anokuthi loo mnyangwa aziqonde.
- (3) Iimeko ezixelwe kummiselwana (1) maziqulathe oku-
- (a) igama lomgcini walowo mnyangwa wongiwa impilo yengqondo aze anikwe;
  - (b) igama leziko lempilo apho umnyangwa ongiwa impilo yengqondo, immo yengqondo yomnyangwa mayijongwe;

- (c) igama leloziko lempilo apho unyango luzakunikezelwa khona ukuba unyango olo aluzukunikezelwa kwiziko lempilo elo lixelwe kumhlathi (b);
- (d) indlela yokuziphatha emayithotyelwe ngumyangwa onyangwa impilo yengqondo;
- (e) igama lesibhedlele saloogqira wengqondo okanye iziko lokongiwa nokubuyisela simo esisiso, apho umnyangwa aza kulaliswa khona, ukuba-
  - (i) lowo ubuye le kwisimo apho angafaka yena okanye abanye abantu engozini ukuba uhlala engumnyangwa wangaphandle onyanzeliswayo; okanye
  - (ii) imiqathango yonyango engaphandle yophulwe.

(4) Eloziko lempilo malithumele uludwe olunemiqathango ku-

- (a) kumanyangwa owongiwa impilo yengqondo;
- (b) umgcini oxelwe kummiselo 3(a);
- (c) onke amaziko empilo axelwe kumimiselwana (3)(b) and(c);kunye
- (d) neBhodi yoHlolo leyo.

(5) Umnyangwa owongiwa impilo yengqondo ongayamkeli imiqathango emalunga nokongiwa, nokunyangwa nokubuyisela kwisimo esisiso ngesinyanzeliso engaphandle, makahlale engumnyangwa owongiwa impilo yengqondo.

(6) Umgcini olawula umnyangwa owamkela unyango lokwangiwa impilo yengqondo uthenjwe ukuba angathatha naluphi na uxanduva lwaloomyangwa xa lomnyangwa ekutshiwe kwiziko lempilo ngokujongene nokuba umnyanga lowo ufumana unyango lwangaphakathi.

(7) Ukuba umgcini onolawulo lomnyangwa owamkela unyango lokongiwa impilo yengqondo ufunu ukutshintsha apho umnyangwa ahlala khona kwaye olotshintsho lufuna kuseyenziswe elinye iziko lempilo-

- (a) apho isimo somongiwa owamkela unyango lwempilo yengqondo sizakujongwa, sihlolwe; kwaye
- (b) apho unyango luzakunikezelwa khona,

umgcini makacele ngencwadi ebhaliwego kwintloko yeziko lempilo malunga nokutshintshelwa kwalomnyangwa kwelinje iziko lezempilo.

(8) Ukuba intloko yeziko lempilo nentloko yeloziko lempilo apho umnyangwa azakutshintshelwa khona bayasivuma isicelo esixelwe kummisewana (7), loo mnyangwa angatshintshelwa kwelinje iziko lempilo.

- (9) Apho umnyangwa owongiwa impilo yengqondo engazi ukuba ajongwe aze ahlolwe njenge kwimiqathango yommiselwana (1), emva kwemiqathango efanelekileyo ithethiwe leloziko lempilo laze lamfumana umnyangwa lowo, lomyanwa lowo uthathwa nje ngokuba uqweshile ngokwesiqendu 40(4) somhetho, kwaye ezomeko ejijongene neziko lezempilo mazichazelwe inkonzo yamaPolisa omZantsi Africa kwifomu MHCA25 lolwengezelelo .

**Utshintsho lomnyangwa owamkela unyango lokongiwa impilo yengqondo ngokunyanzeliswa**

19. Amalungiselelo otshintsho oluxelwe kwisiqendu sama 34(4)(b) soMthetho makenziwe kwifomu MHCA11 yongezelelo phakathi kweentloko zesibedlele sengqondo, uo neziko elijongene nokonga nobuyiselo kwisimo esisiso kunye nentloko yeziko lempilo apho imnyangwa onyanzeliswayo alaliswe khona.

**Ukutshintshwa komyangwa owankela unyango lokwangiwa kwempilo yengqondo onyanzeliswayo esuswa kunyango lwaphakathi esiwa kunyango lwangaphandle okanye kolwangaphandle esiwa kolwangaphakathi**

20. (1) apho sicelwe ngokwesiqendu 8(3) okanye 34(5) okanye (6), umnyangwa owamkela unyango nokwangiwa impilo yengqondo angatshintshelwa ukusuka kunyango lwangaphakathi asiwe kolwangaphandle okanye kolwangaphandle asiwe kolwangaphakathi kusetyenziswa ifomu yeMHCA12 yesongzelelo.
- (2) Amalungiselelo otshintsho axelwe kummiselwana (1) makenziwe phakathi kwentloko zesibhedlele sengqondo kunye nentloko yeziko lezempilo apho umnyangwa onyanzeliswayo ongiwa engaphandle enziwa uvavanyo khona.
- (3) Apho utshintshosele lwenziwe isaziso solotshintsho masingeniswe kwiveki ezimbini yintloko yeziko lempilo kwiBhodi yezoHlolukuba ilujonge ngokwesiqendu 34(7) soMthetho.

**Ingxelo zamaxesha ngamaxhesha**

21. (1) Uhlolo lwamxesha ngamaxhesha ku-
- (a) mnyangwa owamkela unyango lokwangiwa kwempilo yengqondo encediswe ngokwesiqendu 30 soMthetho;
  - (b) mnyangwa owamkela unyango lokongiwe impilo yengqondo ngonyanzeliso ngokwesiqendu 37 soMthetho;
  - (c) isigulane sikaRhulumente ngokwesiqendu 46 soMthetho;
  - (d) ibanjwa eligula ngengqondo ngokwesiqendu 55

soMthetho, masenziwe kwifomu yeMHCA13 yeSihlomelo.

(2) Malunga nomntu obhekiselwe kwisimiselo(1)(a).(b)okanye (c)-

- (a) uhlolo lokuqala malenziwe nguggira kwinyanga ezintanadathu emva kokuqalisa kolkongiwa, unyango kunye nenkozo ezijongene nobuyiselo simmo esisiso;
- (b) uhlolo lwesibini malenziwe nguggira wengqondo ngenyanga ezelishumi elinesibini emva kohlolo lokuqala oluchaswe kumhlathi (a) kunye,
- (c) uhlolo malenziwe qho emva kwenyanga ezingamashumi anesibini ngaphandle kokuba uhlolo olulolunye malenziwe ngomnye ugqirha.

(3) Malunga nomntu oxelwe kummisewana (1)(d) yohlolo lwamaxhesha ngamaxhesha malenziwe qho emva kwenyanga ezintandathu nguggira.

(4) Kwintsuku ezingama 30 emva kokuba iBhodi ifumane ingxelo emfutshane yohlolo lwamaxhesha ngamaxhesha ebekiselwe kwisimiselo (1)(a),(b)kunye no(d),looBhodi yoHlolo mayenze isigqibo ngohlolo olo kwifomu yeMHCA17 yesifikelo.

**Isicelo sotshintsho somnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo kwindawo enokhuseleko oluluqilima**

22. Intloko yeziko lempilo ingathi ngokwesiqendu 43 okanye 54(2) soMthetho kwifomu yeMHCA19 yeSihlomelo iclele kwiBhodi yoHlolo utshintsho lomnyangwa kaRhulumente okanye ibanjwa eligula ngengqondo lisiwe kwelinje iziko lempilo elinokhuseleko oluluqilima.

**Umyalelo wotshintsho lomnyangwa owamkela unyango lokwangiwa impilo yengqondo wokusiwa kukhuseleko oluluqilima**

23. (1)Ukuba iBhodi yoHlolo iyavuma ngokwesiqendu 39(4) soMthetho intlokoyeziko lempilo exelwe kwisimiselo 20 (1), loBhodi yoHlolo ingathi ngefomu yeMHCA20 yeSihlomelo inike umyalelo wotshintsho lomnyangwa oncediswayo okanye onyanzeliswayo asiwe kwiziko lempilo elunokhuseleko oluluqilima.

(2)Ukuba iBhodi yoHlolo ivuma malunga nesiqendu 43(3) okanye 54 (1) soMthetho isicelo sentloko yeziko lempilo ngoku bhekisele kummiselo 20(2) onkanye (3), looBhodi yoHlolo ingathi kwifomu yeMHCA20 yeSihlomelo iyalele utshintsho lwesigulane sikaRhulumente okanye ibanjwa eligula ngengqondo ukuba liye kwelinje iziko lempilo olinokhuseleko ululuqilima.

**Isaziso sotshintsho lwasigulane sikaRhulumente okanye ibanjwa eligula ngengqonda phakathi kwamaziko empilo**

24. (1) Umntu onoxanduva oluchapazela ukutshintshwa kwasigulane sikaRhulumente ngokwesiqendu 43 makathi kwifomu yeMHCA21 yeSihlomelo, azise umgcini osemthethweni (*curator ad litem*).
- (2) Umntu okanye iziko eliyalela utshintsho ngokwesiqendu 54 soMthetho, makazise, kwintsuku ezilishumi elinesine zolotshintsho, kwifomu yeMHCA21 yeSihlomelo makazise intloko yentolongo aphi ibanjwa ligcinwe khona.

**Ukutshintshwa kwasigulane sikaRhulumente sisuka kwindawo yokugcinwa sisisiwa kwiziko lempilo phakathi kwamaziko empilo**

25. (1) Intloko yeSebe lezeMpilo kaZwelonke mayithi emva kokuba ifumene umyalelo obhekiselelw kwiqendu 42(1) soMthetho owenza amalungiselelo omalunga nesiqendu 42(3) somthetho okwifomu yeMHCA23 yesonongezelelo sotshintsho lwasigulane sikaRhulumente sisuka kwiziko lokugcinwa lisisiwa kwiziko lempilo malunga nesiqendu 41 soMthetho.
- (2) Nangani intloko yeSebe lezeMpilo likaZwelonke yenze isiqqibo malunga nesiqendu 43(2) soMthetho sokuba umnyangwa kaRhulumente makatshintshelwe kuyiphi na indawo yokugcinwa, intloko yeSebe lePhondo efanelekileyo ingathi ngokwesiqendu 43(1) soMthetho yenze amalungiselelo okuba umnyangwa kaRhulumente atshintshwe aye kwelinje iziko lempilo ngefomu MHCA24 yeSihlomelo malunga nesiqendu 41 soMthetho.

**Isicelo sekhefu**

26. (1) Intloko yeziko lempilo ingakhupha isibonelelo sokungabikho ngefomu ye MHCA27 yeSihlomelo kwisigulane sikaRhulumente esinediwayo okane esinyanzeliswayo ngexesha elingaggithanga inyanga ezintandathu, ngaphandle kokuba imigaqo emayithotyelwe ngelo xesha lesicelo elichazwe kwifom exeliweyo.
- (2) Intloko yeziko lempilo leyo ingasivuma isicelo sokungabikho esenziwe ngefomu yeMHCA27 yeSihlomelo kwisigulane sikaRhulumente ixesha elingadluliyo iinyanga ezintandathu ngexesha: Ngaphandel kokuba imiqathango neemeko ekufuneka kuvunyelwene ngazo ngelo xesha lekhefu zimiselwe kwifom enjalo
- (3) Intloko yeziko lempilo leyo, ngexesha lekhefu, ukuba ngaba inesizathu sokukholelw ukuba isigulane sikaRhulumente, sincediswa okanye esinyanzeliswayo asivumelani nemiqathango neemeko ezikhoyo kwikhefu elinjalo, ikhefu malirhoxiswe kwifom ye-MHCA 28 yeSihlomelo kwaye ixele ukuba isigulane sikaRhulumente, sincediswa okanye singabuyiselwa kumaziko ezempilo ngumntu osigcinileyo okanye izimiselo 28 okanye 29

**Ukugqithiselwa kwasigulane esincediswayo okanye esinyaneliswayo, isigulane sikaRhulumente okanye ibanjwa eligula ngengqondo phantsi kwamacandelo nongoncedo olusuka kwiNkonzo yaMapolisa omMzantsi Afrika**

27. (1) Intloko yesebe lempilo ingathi kwimeko ezingaqhelekanga nasemva kwemvume kagqira wempilo yengqondo, isicelo esincedisana nenkonzo yamaPolisa omZantsi Afrika malunga notshintsho lomnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo, umnyangwa kaRhulumente okanye ibanjwa eligula ngengqondo.
- (2) Isicelo esixelwe ngummisewana (1) masenziwe qho ukuba intloko yezempilo yonelisekile ukuba olo lolongo nonyangolo unikwe lomnyangwa okanye inzame zokunikela ulolongo zenziwe yaye intloko inolovo lokuba umnyangwa lowo, umnyangwa kaRhulumente okanye ibanjwa eligula ngengqondo linobungozi kakhulu ukuba lingatshintshwa ngesithuthi esikhwele ngamagosa empilo kuphela okanye singaqhwesha gaphandleni kokuba sigadiwe.
- (3) Umnyangwa owongiwa impilo yengqondo oxelwa ngummisewana (1) ofanele ukuba atshintshwe angagcinwa emapoliseni ixesha elingekho ngaphezulu kwiyure ezengama 24 ngenjongo zokulungiselela utshintsho olo.
- (4) IGosa lezempilo malikhaphe umnyangwa owamkela unyango lempilo yengqondo oxelwa ngummisewana (1) ngexesha lotshintsho.

**Ukubanjwa nokunikezelwa komntu kwiziko lempilo yiNkonkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika**

28. Ukuba ngaba ilungu leeNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika libamba umntu ngokwemiqathango yecandelo 40 (1) lomThetho, ilungu malenze ukuba umntu -
  - (a) asiwe kwiziko lempilo eliphantsi lolawulo lukaRhulumente, elidweliswe ngokwemiqathango yomthetho we-12 lisebe lephondo elibandakanyekayo, ukuze kuhlolwe isimo sengqondo saloo mntu; kunye
  - (b) nokuba anikezelwe kusetyenziswa ifom ye-MHCA 22 yeSihlomelo ekhululelwu kwintloko yeziko lempilo okanye nawuphi na omnye umntu owonyulwe yintloko yesebe lezikoukuba amkele abantu abanjalo.

**Ukubuyiswa komntu obalekileyo oye wabanjwa kwaye eselugcinweni lweNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika**

29. (1) Ukua umnyangwa wengqondo ubalekile okanye kucingelwa ukuba ubalekile, intloko yeziko le, pilo ebandakanyekayo ngokwemiqathango yecandelo lama-40(4), lomThetho kunye nakwifom ye-MHCA 25 yeSihlomelo inokwazisa kwaye ifune uncedo kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika, ukufumana, ibambe kwaye ibuyisele umnyangwa kwiziko elibandakanyekayo

- (2) Ukuba ngaba umnyangwa ekubhekiselwe kuye kwicandelo (1) ubanjiwe yiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika ngokwemiqathango yamacandelo 40(4), omThetho kummandla wezikolempilo elinjalo, iNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika kufuneka ambuyisele umnyangwa onjalo ngoko nangoko kwiziko elinjalo kwaye amnikezele kwintloko yeziko lempilo elinjalo okanye nawuphi na omnye umntu owonyuliweyo yileyo ntloko ukuba amkele umnyangwa onjalo, ngaphandle kokuba ifom ye-MHCA 26 yeSihlomelo kufuneka igcwaliswe ngelo xesha kunikezelwa ngomnyangwa
- (3) Ukuba ngaba umnyanwa wengqondo obalekileyo kwiziko lempilo ubanjiwe yiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika ngokwemiqathango yamacandelo 40(4), 44(1) okanye lama-57 (1) lomThetho kwaye oko kubanjwa akwenzeki kummandla welo ziko lempilo, iNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika kufuneka -
- (a) yazise intloko yeziko lempilo ukuba umnyangwa onjalo ubanjiwe kwaye uselugcinweni lweNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika; kwaye
  - (b) anike ulwazi oluphathelene nemeko yomzimba kune nengqondo aloo mnyangwa ilungu elazisayo elinokuyinika.
- (4) Intloko yeziko lezempilo elixelwa ngummisewana (1), ukuba immeko zifuna ukuba, kuthathwe amanyathelo okuqinisekisa ukuba ughirha ovela kwiziko elikufutshane nesikhululo samapolisa apho umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo uphantsi kogcino lwamaplisa khona okanye kwogqira wengqondo, ehlola ukuba umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo unikwa unyango olufunekayo kwisithili samapolisa okanye kwiziko lezempilo elikufutshane.
- (5) Emva kohlolo uluxelwe ngummisewana (4) kuluxanduva lelungu elikwi NKonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika kwisikhululo apho umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo egcinwe khona, ukucebisana nentloko yeziko yezempilo nokwenza izivumelwano zokubuya komnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo, kucingelwe impilo nemeko yengqondo yalomnyangwa, ngaphandle kokuba lomnyangwa -
- (a) nganobungozi ukuba angatshintshwa ngesithuthi esikhwele abezempilo bodwa;okanye
  - (b) angathanda ukuqwesha ukuba xa etshintshwa ngapandle kokuba ugadiwe.
- lomongiwa kufuneka ahanjiswe ziiNkonzo zamPolisa omZantsi Afrika okanye ilungu elinye elisuka kumapolisa omZantsi Afrika.
- (6) Umnyangwa owamkela unyangolwempilo yengqondo angahlaliswa kwisikhululo samapolisa ngexesha elingekho ngaphezulu kwiyure ezingama 24 ngenjongo zinokuchaphazela ubuyiso lwesosigulane.

### **Ukhululo lomnyangwa kaRhulumente**

30. (1) Umntu oxelwe kwisiqendu 47(1) soMthetho apho umgcini ingengomgcini osemthethweni okanye olawula isigulane sikaRhulumente makenze isicelo ngefomu yeMHCA29 yeSihlomelo kwijaji ese-ofisini malunga nokukhutshwa komnyangwa kaRhulumente.
- (2) Umgcini osemthethweni okanye umlawuli wesigulane sikaRhulumente Angacela, kw ifomu yeMHCA30 yeSihlomelo kwijaji ese-ofisini ukuba kukhutshwe isigulane sikaRhulumente ngaphandle kwemiqathango.
- (3) Yakuba ijaji ijonge isicelo ingenza isinqumo sokuba MHCA31 sokuba umnyangwa kaRhulumente akhutshwe ngaphandle kwemiqathango.
- (4) Ukuba intloko yeziko lezempilo emva kokufumana ingxelo exelwe kwisiqendu 41(3) soMthetho yaye inezi zizathu zokuba umnyangwa kaRhulumente akayithobelanga yonke imiqathango emalunga okanye immo yakhe yehlide ngokwasempilweni loo ntloko kufuneka ukuba isebezise ifomu yeMHCA34 yeSihlomelo ngenjongo zesiqendu 48(5) soMthetho.
- (5) Isigulane sikaRhulumente esikhutshwe ngemiqathango masithi ngenjongo zesisqendu 48(6) soMthetho senze isicelo ngefomu yeMHCA35 yeSihlomelo

### **Inqubo malunga nokuphela kwexesha ibanjwa eligula ngengqondo lihleli eziseleni**

31. Isicelo malunga nesiqendu 58(3) soMthetho kufuneka senziwe ngefomu yeMHCA38 yeSihlomelo

### **ISAHLUKO V**

#### **Imiqathango eyenziwa yinzululwazi yotyando, ngechiza okanye ngobuchule ngamachiza okunyanga**

##### **Inzululwazi yonyango lwengqondo**

32. (1) Akukho nzululwazi yonyango lwengqondo enokunyanga umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo ongakwaziyo ukunika imvume malunga kuhlinzwa kwakhe.
- (2) Umyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo okwaziyo ukunika incazelo kwi nzululwazi leyo yonyango lwengqondo, makanike loo mvume ngobhalo.
- (3) Phambi kokuba nayo nayiphi na inzululwazi yonyango lwengqondo inyange umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo, ingxelo yolonyango eyenziwe yaze yasayinwa ubuncinane ngoogqira bengqondo ababini mabachaze ngezimvo zabo ngalo lonke unyango lwempilo yengqondo obe lusetyenzisiwe lwaze alaphumelela noqhaqho ukuba

luyafuneka.

- (4) Uqhaqho lungenziwa kuphela yinzululwazi ngonyango lwengqondo ebhalisiweyo evumileyo ukwenza eloqhaqho.

### **Unyango lombane oloxhuzulo lomzimba**

33. (1) Unyango lombane oloxhuzulo lomzimba kufuneka lulawulwe nguggira oqeqeshelwe uvavanyo lwempilo yengqondo kwaye maluphatwe ngokusetyenziswe iyeza lokuphelisa intlungu nomculo oyekelisayo.
- (2) Akukho mnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo ongena kunyango lombani oloxhuzulo mzimba olugqithe kwisinye, kwiyure ezingama 24,kwaye olonyango malungabikho qho ngentsuku ezahlukaneyo.
- (3) Unikezelo lwesimiselo 37 ngokunxulumene nemvume ebhaliwneyo mayithotyelwe kunyango lombani oluxhuzula umzimba.
- (4) Iziko lezempilo phantsi koncedo likaRhulumente okanye iziko elizimeleyo lingenza unyango lombane loxhuzulo lomzimba ngomashini ukuba livunyelwe yintloko yesebe lephondo.
- (5) Nanini na xa unyango lombane loxhuzulo mzimba lusenziwarejista esayiniweyo yaze yagcwaliswa ngugqirha nesishwankathelo salo rejista, mayingeniswe liziko lempilo na kwiBhodi yoHlolo ngekota nganye kwifomu yeMHCA 47 yeSihlomelo

### **Unyango lolaliso**

34. Ukusetyenziswa konyango olulalisayo aluvumelekanga kumnyangwa onyangelwa impilo yengqondo.

### **Imvume yonyango okanye uqhaqho malunga nengulo engeyiyo ingulo yengqondo**

35. (1) Umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo onyanzeliswayo, oncediswayo, umnyangwa kaRhulumente okanye ibanjwa eligula ngengqondo okwaziyo ukunika imvume ngencazelo yonyango okanye uqhaqho, malunike imvume yokufumana unyango okanye uqhaqho okanye hayi.
- (2) Apho ugqira wempilo yengqondo ecinga ukuba isigulane asikwazi ukunika imvume yonyango okanye uqhaqho ngenxa yengulo yengqondo okanye ubuthathaka ngokwasengqondweni, umgcini wasemthethweni, ukuba inkundla sele imonyule, umyen'i okanye umfazi okanye isizalwane, okanye umnonopheli, umntwana ongaphezulu keminyaka engama 18, usisi nobhuti, okanye iqabane liganikezelu ngemvume yonyango okanye uqhaqho.

(3) Intloko yeziko lezempilo apha umnyangwa wempilo yengqondo ahlala khona intloko yeloziko enelays-isenisi ngokommiselo 47 okanye 48 apha umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo ahlala khona anganikezelu ngemvume yonyango okanye uqhaqho ukuba –

- (a) akakho umntu oxelwe ngummiselowana (2) okanye iinzame zokumfumana aziphumelelanga;
- (b) ukuba ezinye iindlela zixoxiwe nentloko yeziko lezempilo okanye intloko yezio elinelayisenisi iyanelu ukuba olona ncedo lubalulekileyo nolufunekayo malwenziwe.
- (c) uggira oockwenza uqhaqho authi malwenziwe olo nyango okanye uqhaqho.

(4) Linkcukaca ezifunwe kummiselwana (1) nakwimihlathi (a), (b) kunye no (c) yommselwana (3) emazifakwe kwixwebu lothicilelo lonyango malunga nomnyangwa owamkela unyango lwemio yengqondo ngokujongene phambi konikezelu lonyango okanye uqhaqho.

#### **Ukusetyenziswa kweendlela zoomatshini zokuthintela**

36. (1)Ukusetyenziswa kweendlela zoomatshini zokuthintela makungangasetyenziselwa ukutshitshwa komnyangwa owamkela unyango lempilo yengqondo kwiziko lempilo ngaphandle kokuba iindlela zamayeza okanye iinzame zokuthomalalisa ubundlobongela zokunqanda ukushukuma komzimba zisetyenzisiwe zaza azanceda isigulane singazenzakalisi okanye senzakalise abanye abantu.

(2) Apha iindlela zoomatshini zokuthintela zifunekayo ukulungiselela ukunikezelu ngamayeza oko kuthintela kungenziwa ngexesha olufutshane ngokuxhomekeke kwimeko zalowo ugula ngengqondo nje ngokuba kufuneka kuze kwenziwe unyango.

(3) Ngexesha umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo ephantsi kothintelo, kufuneka ahiale eqwalaselwe ubuncinane imizuzu engama 30 kwaye oloqwalaselvo malushicilelwu kwincwadi yonyango.

(4) Naphi na apha kusetyenziswa iindlela zoomatshini zokuthintela -

- (a) irejista egcinelwe lonjongo mayigcwaliswe ize isayinwe ngugqira;
- (b) iindlela zoomatshini zokuthintela nexesha ezisetyenzisiweyo, nangamaxesha xa umnyangwa wamkela unyango lwempilo yengqondo, ebeqatshelwe kunye nezizathu sokusebenzisa olohlolo lokuthintela ngugqira kuloo rejista ixelwe kumhlathi (a);
- (c) intloko yeziko lempilo mayinifumane ingxelo mihla le ebonisa zonke iziganeko ezibandakanya iindlela zoomatshini zokuthintela.

(5) Isishwankathelo serejista esixelwe kummiselwana (4) masingeniswe liziko lezempilo kwiBhodi yoHlolo kanye ngekota kwifomu yeMHCA48 yeSihlomelo.

(6) Makungasetyenziswa ukusebenza kweendlela zo omashini bokuthintela nje ngesohlwayo.

### **Ukwensiwa ikheswa**

37. (1)(a) Umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo angangahlaliswa yedwa nje ngesohlwayo kwaye ukuhlaliswa yedwa kungasetyenziswa ukuzama ukunqanda isimo sengqondo esiphazamiseke kakhulu, nesingayingozi kwabanye abantu.

(b) Ukuhlaliswa kwesigulane sodwa makungangasentyenziswa njengesohlwayo.

(2) Ngexesha apha umnyangwa esamkela unyango lwempilo yengqondo esenziwa ikheswa makahlolwe ubuncinci bemizuzu engama 30 kwaye olohlolo lubhalwe phantsi

(3) Naninina apha ulwenziwo kheswa lusetyenzisiwe-

(a) irejista esayinwe ngugqira mayigcwaliswe;

(b) ixesha apha umnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo kufuneka ukuba ahleliswe yedwa kunye nezizathu zoko, mazichazwe ngokuphandle kwirejista ngugqira; kunye

(c) intloko yeziko lempilo mayifumane ingxelo mihla le ebonisa zonke iziganeko zolwenziwo kheswa.

(4) Isishwankathelo serejista exelwe kummiselwana (2) masingeniswe liziko lempilo kwiBhodi yezoHlolo qho ngekota kwifomu yeMHCA48 yeSihlomelo.

### **ISAHLUKO 6: UKHUSELEKO OLULUQILIMO**

38. Amalungiselelo otshintsho lomnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo ukuya kwelinYE iziko lempilo makenziwe phakathi kweentloko ezimbini zamaziko ezempilo

### **ISAHLUKO 7: IIREKHODI EZINYANZELEKILEYO**

39. Ezi zilandelayo incwadi mazigcinwe kwiziko lempilo elinikezela ngonyango lwempilo yengqondo, ukongwa nokubuyiselwa kwisimo esisiso

(a) incwadi enengxelo malunga nolwamkelo, ukukhutshwa, ukufa, ukutshintshwa kunye notshintsho lwesimo kwaso nasiphi na isigulane

esifumana unyango lwempilo yengqondo kweloziko, ukungabikho, okanye ukuqhewsha;

- (b) ingxelo ngonyango ngazo zonke incukaca ezijongene nempilo kunye nempilo yengqondo yomnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo nengxelo yonyango ebezibhalwe zenziwa , kunye netsuku zongeniso lwezongxelo ezenziwego, uphawu oluzeleyo, igama elibhalwe kunye nazo zonke incazo zoghira wempilo yengqondo owenze elongeniso;
- (c) ingxelo zolawulo lweencwadi zasemthhweni neekopi ezingqinelana nezomnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo;
- (d) ingxelo zokwenzakala kancinci okunye kakhulu ezifunyenwe kumnyangwa owamkela unyango lwempilo yengqondo kweso sibhedlela senqondo okanye kolololongo kunye namaziko

### **Iingxelo zenyanga**

40. Intloko yeziko lempilo exelwe kummiselo 44 ngenyanga mayingenise kwintloko yesebe lephondo ukubuyiselwa kwenani lwezigulane, isimo sazo esisemthethweni kunye nenkcukaca ezixelwe kummiselo 44(a).

### **ISAHLUKO 8: UHLOLO NONYANGO**

**Uhlolo nonyango lomnyangwa owankela unyango ngokubhekiselwe kumaziko ezempilo ngumthetho wenkundla ngokwemiqathango womThetho woLwaphulo-mThetho, 1977 (umThetho oyiNombolo yama-51 ka-1977)**

41. (1) Umntu ekubhekiselelwe kuye yinkundla yomthetho kwiziko lempilo ngokwemiqathango yecandelo lama-79 lomThetho woLwaphulo-mThetho, 1977 makaxeletwe ukuba ingxelo izakufakwa ngughira wempilo yengqondo kumthetho wenkundla kwaye lowo akanyanzelekanga anikezele ngolwazi.
- (2) Ukuba umntu oxelwe ngummiselwana (1) ufumaniseke ukuba ugula ngenqondo, loomntu uyingozi kuye nakwabanye kwaye unyango luka gqirha wengqondo lungxamisekile, olonyango maluqaliswe ngoko na ngoko phambi kommiselwana (1) ongeniswe kwi nkundla yomthetho
- (3) Apho umntu othunyelwe yinkundla yomthetho kwiziko lezempilo malunga nokuhlolwa, lomntu anga, kokuncediswa yiNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika siwa kumaziko ezempilo ukulungiselela ukuhlolwa izigulo zengqondo okanye uphando lwempilo yomzimba olungenokwenziwa kwindawo apho umntu avalelwe khona, ngaphandle kokuba ngexesha umntu ephantsi kohlolo kwiziko lezempilo, uphantsi kokhuseleko lweNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika ihleli iluxanduva lokhuseleko kwindawo apho kuhlala khona amabanjwa

- (4) Xa umntu oxelwe ngummisewana (2) ephandiwe, oxelwe ngummisewana (3), loomntu makatshintshwe kuncediswana neeNkonzo zaMapolisa oMzantsi Afrika ukusiwa kuloo ndawo atshintshelwa kuyo loomntu ahlala, okanye enye indawo, nqu nesibhedlele sonyango lwezengqondo, esilungiselelwe uphando ngaphandle kokuba amaphepha anxulumene nophando athunyelwe nomntu kwindawo athunyelwe kuyo.

#### **ISAHLUKO 9: UKUGUNYAZISWA KUNYE NOKUNIKEZELWA KWEPEPHEPHA-MVUME**

**Ukugunyaziswa nokunikezelwa kwepephea-mvume kwisibhedlele sabucala esinika iinkonzo zempilo yengqondo**

42. (1) Isicelo sonikezelo lwepephea-mvume malunga nokusebenza esibhedlele masenziwe sihambelane nemithetho yezempilo ngokubanzi.
- (2) Ngokongezelela kwiphepha-mvume elixelwe kummisewana (1).isibhedlele esinqwenela ukwamkela umnyangwa owamkela unyanggo lwengqondo ngokuncediswa okanye ngokunyanzelisa, masicele ngobhalo kwisebe lesizwe malunga ne mpepha mvume lokwamkela esisigulane
- (3) Isicelo esibhalwe phantsi sephepha-mvume elivumelana nommisewana (2) masibonakalise oku okulandelayo-
- (a) ugqirha wempilo yengqondo ozokuhlolwa umnyangwa onyangwa impilo yengqondo oncedisayo okanye onyanzeliswayo ngemiqathango yecandelo lama-27 kunye nelama-33 oMthetho akanako ukuqeshwa njengesinye isitafu sesibhedlele, engenakunikwa zinto zokusebenza okanye intlawulo kweso sibhedlele;
  - (b) isibhedlele sihlolwe kwaphicotwa iincwadi zemali ngamagosa esebe lephondo elibandakanyekayo kwaye kwafumaniseka sifanelekile ukugcina umnyangwa onyangwa impilo yengqondo oncediswayo okanye ozitahndeleyo.
- (4) "Ofanelekileyo ukugecina"- ngummiselo 3(b) ngonyanzeliso okanye
- (a) iwadi etshixekayo ukongeza kwiwadi evulelekileyo
  - (b) ugqira wempilo yengqondo kunye nogqira wengqondo kunye namagosa awo aqequeshiweyo ekucingelwa ukuba anokwenza nawuphi na imsebenzi
  - (c) inkqubo zokuqinisekisa ukhuseleko kumnyangwa owamkela unyanggo malunga nempilo yengqondo oncediswayo okanye onyanzeliswayo sisibhedlele
